Isalathiso: 20170428-356
12/2/8/17/1/2
Imibuzo: K Lackay

INgcaciso eMfutshane yeCandelo lokuXhasa amaZiko ngeziBonelelo: 0003/2017

Iya: KuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kuBaphathi beeSekethe nakwiiNqununu zezikolo ezinezikim zothutho lwabafundi ezixhaswa ngemali liSebe i*WCED*

Isihloko: IZikim zoThutho lwaBafundi – Ukungqinisiswa kwamanani abafundi xa kuzaliswa iifom *WCED-062 no- WCED-063 forms*

1. Le ngcaciso ibhekiselele kumhlathi 9 weNcwadana yeMigaqo i-*Standard Operating Procedures (SOP) Manual for Learner Transport Schemes (LTS),* apho kucaciswa khona ngenkqubo yokuhlawulwa kwebango elisemthethweni likanokhontraki we*LTS*.

2. Ziyakhunjuzwa iinqununu ukuba xa zinika unokhontraki we*LTS* irejista yabafundi abasebenzisa izikim zothutho lwabafundi (*form WCED-062*), irejista imele ukubonisa kuphela amagama abafundi abagunyaziselwe ukuthuthwa nguNdlunkulu weSebe leMfundo leNtshona Koloni.

3. Ziyacelwa iinqununu nokuba ziqinisekise ukuba amanani abafundi achazwe ngoonokhontraki be*LTS* kwiFom yeBango (*Claim Form (form WCED-063))* ayangqinelana nenani labantwana abachazwe kwifom *WCED-062 form*.

4. Amanani abafundi achazwe kwifom *WCED-062* nakwi-*WCED-063 forms,* makangaze adlule kwinani labafundi abagunyaziselwe ukuthuthwa kwindlela ethile echaphazelekayo.

5. Kulindeleke ukuba kuthathwe amanyathelo ezoluleko ngakwezo nqununu zingazilandeli mbo ezi mfuno zimiselweyo zikhankanywe apha ngentla.

6. Iyathakazelelwa intsebenziswano yenu.

ISAYINWE: NGU-TS MATSELISO
USEKELA MLAWULI -JIKELELE WOPHUHLISO NOQUQUZELELO LWAMAZIKO
UMHLA: 2017-05-10